



It starts with a story

At the start of a new year, many people make New Year's resolutions. They make a decision on New Year's Eve or New Year's Day to stop doing some things, or to do other things over the course of the coming year. At Nalibali, we have only one resolution and it's the same one every year – to encourage more and more adults to read aloud to children and tell them stories so that we can spread a love of reading across our country! We hope you will join us in making this a reality. Have a happy reading year!

Konke kuqala ngebali

Ekuqaleni konyaka omtsha, abantu abaninzi benza izigqibo zoNyaka oMtsha. Basenza isigqibo ngoSuku olwaNdlela uNyaka oMtsha okanye ngoSuku loNyaka oMtsha ukuze bayeke ukwenza izinto ezithile, okanye ukwenza izinto ezithile ebudeni bonyaka ozayo. KwaNalibali, sinesigqibo esinye kuphela kwaye seso sinye ngonyaka ngamnye – ukukhuthaza abantu abadala ngakumbi nangakumbi ukuba bafunde abantwana ngokuvakalayo nokubabalisela amabali ukuze kwandiswe uthando lokufunda kulo lonke ilizwe lethu! Sinethemba lokuba uya kusijoyina ekwenzeni ukuba oku kube yinene. Yiba nonyaka wokonwabela ukufunda!

HOW TO MAKE 2019 A STORY-FILLED YEAR

1. Read to your children for 15 minutes every day.
2. Play our special "Build a story!" game (pages 2 and 15) with your family and friends again and again.
3. Tell your children stories regularly. These can be stories you were told as a child, stories you have read and/or stories that you make up!
4. When it is a child's birthday, buy them a storybook as a gift.
5. Be a reading role model. Make sure that your children see you reading for pleasure regularly.

INDLELA YOKWENZA UKUBA UNYAKA KA-2019 UBE NGUNYAKA OPHUPHUMA NGAMABALI

1. Fundela abantwana kwimizuzu eli-15 yonke imihla.
2. Dlala umdlalo wohlobo olulodwa wethu "Yakha ibali!" (iphepha le-2 nele-15) nosapho lwakho kunye nabahlobo bakho ngokuphinda-phinda.
3. Balisela abantwana bakho amabali rhoqo. La mabali kungaba ngamabali owawubaliselwe wona usengumntwana, amabali owafundileyo kunye/okanye amabali oziqambela wona!
4. Xa ilusuku lokuzalwa komntwana, mthengele isipho sencwadi yamabali.
5. Yiba ngumzekelo omhle wokufunda. Qiniseka ukuba abantwana bakho bakubona ufundela ukuzonwabisa rhoqo.



INSIDE!

Nalibali's "Build a story!" board game. Go to pages 2 and 15, and start playing!

NGAPHAKATHI!

Umdlalo webhodi wakwaNalibali othi "Yakha ibali"! Yiya kwiphepha le-2 nele-15, uze uqalise ngokudlala!

Read aloud to your children every day – at home, in your classroom, at your library and at your reading club. If you read to them for just 15 minutes every day in 2019, you will have read to them for 5 475 minutes by the end of the year. That's 91½ hours of reading fun!

Fundela abantwana bakho ngokuvakalayo yonke imihla – ekhaya, egumbini lenu leklasi, kwilayibrari yenu nakwiklabhu yenu yokufunda. Ukuba ubafundela kwimizuzu eli-15 kuphela yonke imihla ngo-2019, uya kuba ubafundele imizuzu engama-5 475 ekupheleni konyaka. Ezo ziayure ezingama-91½ zokufundela ulonwabo!



Where to find free children's stories

- ★ In the 2019 Nalibali Supplements.
- ★ In copies of the Nalibali Supplement from previous years. You can download these from the "Storytelling" section of the Nalibali website – www.nalibali.org.
- ★ In the "Start reading" section of the Nalibali website (www.nalibali.org) and on the mobisite (www.nalibali.mobi). There are lots of stories in all South Africa's official languages for you to enjoy with your children. Download the stories and print them out, or read them together on a cellphone. There are even stories for you and your children to listen to!

Apho kufumaneka khona amabali abantwana simahla

- ★ Kuthotho lohlelo lwakwaNalibali lwango-2019.
- ★ Kwiikopi zohlelo lwakwaNalibali zeminyaka edlulileyo. Unakho ukuzikopa ekhompyutheni kwicandelo elithi "Storytelling" lewebhusayithi yakwaNalibali – www.nalibali.org.
- ★ Kwicandelo elithi "Start reading" lewebhusayithi yakwaNalibali (www.nalibali.org) nakwi-mobisite (www.nalibali.mobi). Maninzi amabali afumaneka ngazo zonke iilwimi zaseburhulumenteni zaseMzantsi Afrika ukuze wonwabe nabantwana bakho. Kopa amabali ekhompyutheni uze uwaprinte, okanye niwafunde kunye kwiselfowuni. Kanti kukho namabali onokuwamamela nabantwana bakho!



Drive your
imagination



IT STARTS WITH
A STORY.
KONKE KUQALA
NGEBALI.

How to play

Follow the path and take turns to tell a story about a hero.

1. This is a game for 2 to 6 players.
2. Decide which player will start and who will go next until all the players have had a turn. Keep playing in this order for the rest of the game.
3. The first player begins building the story at ①. The second player continues the story at ②, and so on.
4. All the players take turns to follow the blocks on the path.
5. Add ONE sentence to the story at each block.
6. When one of the players gets to **THE END**, your story is complete.



Indlela yokudlala

Landela indledlana nibolekisane ukubalisa ibali elingeqo.

1. Lo ngumdlalo wabadlali aba-2 ukuya kwaba-6.
2. Thathani isigqibo sokuba ngowuphi umdlali oza kudlala kuqala, noza kulandela bade bonke abadlali babe bithuba lokudlala. Qhubani nidlala nilandelelana ngokulandelelana ude uphele umdlalo.
3. Umdlali wokuqala uqala ukwakha ibali ku ①. Umdlali wesibini uqhuba ibali ku ②, njalo njalo.
4. Bonke abadlali bayabolekisana ukulandela iibhloko ezisendleleni.
5. Yongeza isivakalisi sibe SINYE kwibhloko nganye.
6. Xa omnye wabadlali efikelela ku **ISIPHELO**, ibali lenu



Get story active!

Here are some activities for you to try. They are based on the following stories in this edition of the Nal'ibali Supplement: *Peggy's smile* (pages 5, 6, 11 and 12) and *Ginger* (page 13).

Peggy's smile

In the story, it was Peggy's missing tooth that made her special. Some of the things that make us special are:

- ★ things that other people can see when they look at us
- ★ things that we do well
- ★ the kind of person we are
- ★ the way we make other people feel.

Draw a picture of yourself in the frame and then write about the things that make you special.

REMEMBER!

If you are not able to write on your own yet, someone else can write down your ideas as you say them!

Yenza ibali linike umdla!

Nantsi eminye imisetyenzana onokuyizama. Isekelwe kula mabali alandelayo kolu shicilelo loHlelo lukaNal'ibali: *Uncumo lukaPeggy* (iphepha le-5, le-6, le-11 nele-12) kunye no*Jinja* (iphepha le-14).

Uncumo lukaPeggy

Ebalini elithi, yayilizinyo likaPeggy elalilahlekile elamenza ukuba abe ngumntu wohlobo olulodwa. Ezinye zezinto ezenza sibe ngabantu bohlobo olulodwa zezi:

- ★ izinto ezibonwa ngabanye abantu xa besijongile
- ★ izinto esizenza kakuhle
- ★ uhlobo lomntu esinguye
- ★ indlela esenza abantu bazive ngayo.

Zoba umfanekiso wakho kwisakhelo uze ubhale ngezinto ezikwenza ube ngumntu wohlobo olulodwa.

KHUMBULA!

Ukuba akukakwazi kuzibhalela ngokwakho, omnye umntu angakubhalela izimvo zakho xa uzithetha!

Large empty rectangular frame with a decorative border for drawing a picture of oneself.

Large empty rectangular frame with horizontal lines for writing.

Ginger

Make your own fluffy cat! Draw an outline of a cat on some cardboard. Cut out your cat. Glue bottle tops, buttons, wool, string, cotton wool, fabric scraps or anything else you can find onto your cat to create its face and whiskers, and to make it look fluffy.



UJinja

Yenza ikati eyeyakho efukufuku! Zoba umda wekati kwikhadibhodi. Sika-ze-ukhuphe ikati yakho. Faka izivingco zeebhoteile neglu, amaqhoshha, iwulu, umtya, iwulu yomqhaphu, iziqwengana zamalaphu, okanye nayiphi enye into onokuyifumana ekatini yakho ukuze wenze ubuso bayo namabhovu, futhi uyenze ikhangeleke ifukufuku.



Story stars



Sowing a love of stories

Bukeka Duduzile Xhalisa is a reggae artist from Marcus Garvey in Philippi, Cape Town – and she is also a Nal'ibali FUNda Leader! Duduzile's deep love of children, reading and storytelling motivates her to do what she can to sow a love of reading and stories in her community. She volunteers as a storyteller at different reading clubs and also assists at a school library. Nal'ibali spoke to her recently.

Why do you do what you do?

I want to spread a love of stories as much as I can. It is important to me to make sure that children love reading and don't just use it to pass at school. I want them to develop a passion for reading and writing. Stories and books open our minds and allow us to explore the world, and to understand it better.

What would help to improve literacy in our country?

Participation. Parents need to be involved in their children's lives. Communities need to be involved too. We need to have the attitude that your child is my child too.

What languages should children's books be in?

We should have books in all South Africa's languages so that children can develop a love of reading in their languages.

Where does your love of stories and reading come from?

When I was a child my mother told me stories in isiXhosa and one of my primary school teachers read stories to us in isiXhosa and English.

Do you read to your children?

Yes, they love stories and I love reading stories to them. I also do it to improve their literacy and to grow their vocabulary. I've always read to them in isiXhosa and English. When they were younger, their favourite books were *Igruffalo* by Julia Donaldson as well as the *Three Billy Goats* and *Goldilocks*.

Please complete these sentences for us:

Every child should read ... stories in their mother tongue.

The greatest lesson that I learnt from a book or story was that ... a united community can change anything.

My favourite place to read is ... at the park or library.

At the moment I'm reading ... Kwathini ukuze *Imbila* iswele *Umsila* by Sindiwe Magona.

A book that made me laugh is ... *Igruffalo*.

Life without stories would be ... nothing – just empty.



Iimbilasane zamabali



Ukutyala uthando lwamabali

UBukeka Duduzile Xhalisa onobugcisa bomculo werigeyi ngowase Marcus Garvey ePhilippi, eKapa – kanti ukwayiNkokeli kaFUNda wakwaNal'ibali! Uthando lukaDuduzile olunzulu lwabantwana, ukufunda nokubalisa amabali konke kumkhuthaza ukuba enze anakho ukukwenza ekutyaleni uthando lokufunda nolwamabali eluntwini lwakhe. Uyavolontiya ukuba abe ngumbalisi wamabali kwiiklabhu zokufunda ezahluka-hlukileyo aphindeancedise kwilayibrari yesikolo. AbakwaNal'ibali bathethe naye kutshanje.

Ukwenzela ntoni oku ukwenzayo?

Ndifuna ukwandisa uthando lwamabali kangangoko ndinakho. Kubalulekile kum ukuqinisekisa ukuba abantwana bayakuthanda ukufunda kwaye abakwenzi kuphela kuba befuna ukuphumelela esikolweni. Ndifuna baphuhlise uthando olushushu lokufunda nokubhala. Amabali neencwadi avula iingqondo zethu futhi asivumela ukuba sihlale ihlabathi, kwaye siliqonde phucukileyo.

Yintoni enokunceda ukuphucula isakhono sokufunda nokubhala elizweni lethu?

Yinxaxheba. Abazali bafanele ukuzibandakanya ebomini babantwana babo. Amaqela oluntu nawo afanele ukuzibandakanya. Sifanele ukuba nengqiqo ethi umntwana wakho nam ngowam.

Iincwadi zabantwana zifanele ukubhalwa ngeziphilwimi?

Sifanele ukuba neencwadi ezibhalwe ngazo zonke iilwimi zaseMzantsi Afrika ukuze abantwana baphuhlise uthando lokufunda ngeelwimi zabo.

Luvela phi uthando lwakho lwamabali nokufunda?

Ngexesha ndandingumntwana umama wam wayendibalisela amabali ngesiXhosa kanti omnye wootitshala bam besikolo samabanga aphantsi wayesifundela amabali ngesiXhosa nangesiNgesi.

Uyabafundela abantwana bakho?

Ewe, bayawathanda amabali nam ndiyathanda ukubafundela amabali. Kwakhona oko ndikwenzela ukuphucula isakhono sabo sokufunda nokubhala nokukhulisa isigama sabo. Ndisoloko ndibafundela ngesiXhosa nangesiNgesi. Ngoko babebancinane kunangoku, ezona ncwadi babezithanda yile ethi *Igruffalo* ebhalwe nguJulia Donaldson ethi *Three Billy Goats* nale ithi *Goldilocks*.

Khawusigqibezelele ezi zivakalisi:

Wonke umntwana ufanele ukufunda ... amabali ngolwimi lwakhe.

Esona sifundo sikhulu ndisifunde encwadini okanye ebalini sithi ... uluntu olumanyeneyo lungatshintsha nantoni.

Eyona ndawo ndiyithandayo yokufunda ... yipaka okanye yilayibrari.

Ngoku ndifunda ethi ... Kwathini ukuze *Imbila* iswele *Umsila* ebhalwe nguSindiwe Magona.

Incwadi eyandihlekisayo ithi ... *Igruffalo*.

Ubomi ngaphandle kwamabali bebuya kuba ... lilize – ihamte kuphela.




Ruvan Boshoff

Bukeka Duduzile Xhalisa



Create TWO cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
 - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
 - b) Fold it in half again along the green dotted line.
 - c) Cut along the red dotted lines.




Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha le-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwele-5, ele-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwele-7, ele-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza incwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
 - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
 - b) Phinda ulusongwe phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
 - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.



Drive your imagination



Peggy crossed the street and jumped right into the paint.
Splish! Splash! Splish!
 “Now I look special,” laughed Peggy.
 UPeggy wawela isitalato waza watsibela phakathi
 epeyintini. *Dyumpu! Dyumpu! Dyumpu!*
 “Heke, ngoku ndijongeka ndahlukile,” watsho
 ehleka uPeggy.



Peggy put her finger to her cheek and thought really hard.
 What could she do to look special? She looked across the
 street. There she saw a pot of paint.
 “Mmm ... maybe that will do.”
 UPeggy wabeka umwe wakhe esidleleni sakhe wacinga
 nzulu. Yintoni awayenokuyenza ukuze abonakale
 ekhethekile? Wajonga ngaphesheya kwesitalato. Wabona
 umgqomo wepeyinti.
 “Mmm ... mhlawumbi laa nto ingasebenza.”



This is an adapted version of *Peggy's smile* published by New Africa Books and available in bookstores and online from www.loot.co.za and www.newafricabooks.com. This story is available in the eleven official South African languages and is part of the New African Stories series – a series of beautifully illustrated children's stories collected from across Africa.

Olu luguqulelo olulungisiweyo oluthi *Uncumo lukaPeggy* olupapashwe yiNew Africa Books kwaye lufumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi-intanethi ku-www.loot.co.za naku-www.newafricabooks.com. Eli bali lifumaneka ngeelwimi ezilishumi elinanye zaseburhulumenteni baseMzantsi Afrika futhi liyinxalenye yothotho oluthi Amabali Amatsha Ase-Afrika – uthotho lwamabali abantwana abaliswa ngobuchule naqokelelwe kulo lonke elaseAfrika.

dp davidphilip
 Trading as **New Africa Books**

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Drive your imagination

Peggy's smile Uncumo lukaPeggy

*Kaanitah Cassim
 Monde Mraji
 Ncebakazi Faith Saliwa*





UPeggy wafika esikolweni phambi kwexesha
ngeyure yonke. Zazikho ezinye iimpuku ezincinci
esikolweni, kodwa zonke zazifana ngwa naye.
“Ayizukusebenza le nto!” wambombozela uPeggy.
“Andizukukhangeleka ndahlukile apha!”



On her way back to school, Peggy saw her reflection
in a shop window. Oh no! The paint was the same
colour as her skin.
“This won’t work,” cried Peggy. “Why couldn’t
the paint have been red ... or yellow ... or green ...
or blue?”

Endleleni ephindela esikolweni, uPeggy wazibuka
esipilini esikwifesitile yevenkile. Yintoni le ngoku!
Ipeyinti yayingumbala omnye nolusu lwakhe.
“Oku akuzukusebenza,” wakhala wenjenjalo uPeggy.
“Bekutheni le nto izingabibomvu le peyinti ... okanye
ibetyheli ... okanye zuba?”


Slowly she remembered ... Peggy gave a big
proud smile. The other mice smiled back at
her admiringly.

Peggy was special after all! She was the only
mouse with a missing tooth!

Kancinane wakhumbula ... uPeggy wancuma
uncumo olukhulu lokuzithemba. Nezinye
iimpuku zancuma ngokuncomayo.

UPeggy wayekhethekile ngaphaya koko!
Wayekukuphela kwempuku enezinyo
elikhumkileyo!

Kodwa inkwenkwe nayo yayifuna
ukufunda ukugquba.



But the boy also wanted to learn to swim.

... yaze intlanzi yabuyela ebomini bayo!

... and the fish came alive!



Lots more free books at bookdash.org

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Drive your
imagination

The fish that couldn't swim Intlanzi eyayingakwazi kuqubha


Sarah Gaylard
Thulisizwe Mamba
Gisela Strydom






Ngoko ke yayifaka emanzini...

So he put it in the water...



There once was a boy who could run and jump and climb. He could even make a noise like a seagull. But he couldn't swim. And oh, how he wanted to.




Yaze intlanzi yabonisa inkwenkwe indlela yokufaka umlomo wayo emanzini ize ivuthela.


So the fish showed the boy how to put his mouth in the water and blow.

And so, the boy who could run and jump and climb, and even make a noise like a seagull, learnt to swim like a fish.

Nantso ke, inkwenkwe eyayikwazi ukubaleka nokutsiba nokuqabela, kunye nokulinganisa ingxolo yengabangaba, yayifunda ukuqubha njengentlanzi.



Olunjani lona ulonwabo!



What fun they had!


Yayifuna ukunceda intanzi.



He wanted to help the fish.


Kudala-dala kwakukho inkwenkwe eyayikwazi ukubaleka nokutsiba kunye nokugwencela. Yayikwazi nokulinganisa ingxolo yengabangaba. Kodwa yayingakwazi kuqubha. Kanti yho, indlela eyayikufuna ngayo.





Then one day he noticed a fish that couldn't swim either!

Ngenye imini yaqaphela intlanzi eyayingakwazi nayo ukugqibhal!



The next day, the boy remembered what the fish had taught him.

Ngosuku olulandelayo, inkwenkwe yakukhumbula eyayikufundiswe yintlanzi.




Maybe at school someone would look at Peggy’s new clothes. She sang and skipped down the street. “Look at me! Look at me! Today I’m special.”



When Peggy left the shop, it was raining and the wind was blowing. *Plop! Plop! Plop!* That was the end of Peggy’s new hair-do!

Ukumka kuikaPeggy evenkileni, kwakusele kunetha yaye nomoya wawuvuthuza. *Hu-u waca! Hu-u waca! Hu-u waca!* Eso yaba sisiphelo sesitayile esitsha seenwele zikaPeggy!



Ngomzuzu omnye phambi kwentsimbi yesibhozo uPeggy wema phambi kwamasango esikolo. Zonke ezinye iimpuku zazilapho nazo. Kwakungekho nto wayenokuyenza uPeggy. Wayengenakufika emva kwexesha esikolweni.



Ginger



By Joanne Bloch Illustrations by Jiggs Snaddon-Wood

Dimpho and Sello's mom had a problem. "My feet felt like blocks of ice last night!" she told the children one Monday morning. "They were so cold I couldn't sleep. Now I'm very tired!"

"I know!" said Sello. "Why don't you wear socks in bed tonight?"

"What a good idea!" said Mama. "My children are so clever!"

That night, she put on her thickest woolly socks. "Auntie Thoko gave me these socks for Christmas," she said. "They are very warm! I'll sleep well tonight!"



But Mama was wrong. On Tuesday morning, she was tired again.

"I couldn't sleep a wink," she sighed. "If only I could warm up my silly cold feet!"

"Mama," said Dimpho, "why don't you soak your feet in hot water before you go to bed tonight?"

"That's worth a try!" said Mama. "Thank you!"

After supper that night, Mama poured hot water into a big red basin. "Mmmm, this feels good!" she said, swishing her feet about. "I'm sure I'll sleep well tonight."

But guess what? On Wednesday morning, she was tired again. "At first it was perfect," she said, "but after a few hours, it was the same old story ... cold, cold feet! I'll just have to think of something else. Eat up, now! It's time to go to school!"

When Mama came home from work that evening, Dimpho had some good news. "My teacher says that drinking ginger tea makes you feel warm all over," she explained. "Ginger tea will warm up your feet!"

"Okay," said Mama. She didn't sound very happy. After so many nights of not enough sleep, she felt very grumpy!

But Mama didn't forget what Dimpho had said. On Saturday morning, before she left for work, Mama asked the children to go and buy some ginger. "Nothing else has helped," she said, as she got ready for work. "Maybe ginger will do the trick!"

Off went the children. "What are you looking at, Sello?" asked Dimpho when they came to the big road near the shops. Sello didn't answer. He was staring at something nearby. "Sello!" said Dimpho again. "Hold my hand. We need to cross the road now."

"Not yet!" said Sello. "Look over there! We need to help that cat!" And before Dimpho could stop him, Sello had rushed off.

On an empty plot, two boys about Sello's age were teasing a grey cat. They laughed. The cat was trying to escape.

For a small boy, Sello had a big, loud voice. "STOP THAT!" he shouted. "Leave that cat alone!"

"Yes, leave it alone!" said Dimpho.

The boys looked up. "Why should we?" said one of them sulkily, but the other boy let go of the frightened cat. "What do you care, anyway? It's only a stupid stray cat! Come on, Jabs, let's go!"

When Dimpho and Sello's mom came home that afternoon, she couldn't believe her eyes. Her children were patting a fluffy grey cat. The cat was purring and licking itself. Mama saw that they had fed it some leftover meat.

"What on earth is going on?" she asked angrily. "Why did you bring that animal home? Get rid of it right now!"

"But Mama, it's raining outside," said Sello. "Kitty will get wet! Please can we keep her, just for tonight? PLEASE?"

Mama looked out of the window. It was true. When she got out of the taxi, there were grey clouds in the sky. Now it was pouring. "Fine," she said with tight lips, "but tomorrow, that cat goes."

"Thank you, Mama!" said both children.

"Hmmmph," said Mama. She sat down, took off her shoes, and rubbed her feet. "Where is that ginger you bought me?" she asked. "It's time for my first cup of ginger tea!"

The children stared at each other with huge, round eyes. They had forgotten to buy the ginger! Mama was very cross. She stayed cross all night. As soon as the kitchen was clean, she went straight to bed.

On Sunday morning, when Dimpho and Sello woke up, there was no sign of their mom. They were surprised – she always woke up early. They couldn't see the cat either.

"Let's check that Mama's okay," said Dimpho. Quietly they opened the door to her room, and peeped in. What do you think they saw? Mama was lying in bed, looking lazy. The cat was curled up at her feet, purring loudly.

"Morning," said Mama. "What a good night! Warm feet at last!" She looked at the cat. "I think we may have to keep you!" she told it. "Let's call you Ginger!" The grey, fluffy cat purred even louder.



The children laughed, clapped and bounced about. Then Sello stopped. He was frowning. "But, why are we calling her Ginger?" he asked.

"Well," said Mama, "you two went to the shop to buy some ginger, but you brought this cat back instead. She kept my feet warm like Dimpho said the ginger tea would, so her name is Ginger!"

And that was what they called her.



UJinja

Indawo
yamabali



Libali likaJoanne Bloch Imifanekiso izotywe nguJiggs Snaddon-Wood

Umama kaDimpho noSello wayenengxaki. "Iinyawo zam bezivakala ngathi zizitena zomkhenkce phezolo!" watsho ebantwaneni bakhe ngenye intsasa yangoMvulo. "Bezibanda kangokokuba khang buhle tu ubuthongo. Ngoku ndidinwe kakhulu!"

"Ndiyazi!" watsho uSello. "Kutheni ungalali unxibe iikawusi ebusuku namhlanje?"

"Unyanisile!" watsho uMama. "Abakrelekrele ngako abantwana bam!"

Ngobo busuku wanxiba ezona kawusi zakhe zinoboya obuninzi. "UMakazi uThoko wandipha ezi kawusi njengesipho seKrisimesi," watsho. "Zifudumele kakhulu! Ndiza kulala kakuhle kobu busuku banamhlanje!"



Kodwa uMama wayephosisile. Ngentsasa yangoLwesibini, wayediniwe kwakhona.

"Khang ndifumane nobuncinane ubuthongo," wakhalaza. "Ukuba nje bendikwazile ukufudumeza ezi nyawo zam zigezayo zibandayo!"

"Mama," watsho uDimpho, "kutheni ungaqali ufake iinyawo zakho emanzini ashushu phambi kokuya kulala namhlanje?"

"Ewe kuyavakala oko!" watsho uMama. "Ndiyabulela!"

Emva kwesidlo sobo busuku, uMama wagalela amanzi ashushu esityeni esikhulu esibomvu. "Mmmm, atsho kamnandi!" watsho, eswahlaza amanzi ngeenyawo ngapha nangapha. "Ndiqinisekile ndiza kulala kakuhle namhlanje."

Kodwa ungaqashisela? Ngentsasa yangoLwesithathu, wayesadiniwe. "Kuqale kwalunga," watsho, "kodwa emva kweeyure ezimbalwa, kuphinde kwabuya ibali elidala ... iinyawo ezibanda, ceke! Kufuneka ndicinge ngenye indlela. Khawulezisa ugqibe ukutya, ngoku! Lifikile ixesha lokuya esikolweni!"

Uthe uMama xa efika ekhaya evela emsebenzini ngaloo ntshonalanga, uDimpho wabe eneendaba ezimnandi. "Utitshala uthi xa umntu ephunga iti yejinja ufudumala wonke umzimba," uchaze watsho. "Iti yejinja iya kuzifudumeza iinyawo zakho!"

"Kulungile," watsho uMama. Wayengavakali onwabile kwaphela. Emva kweenstuku ezininzi zobusuku bobuthongo obungehliyo, wayekhawuleza akruquke!

Phofu uMama akakulibalanga akuxelelwe nguDimpho. Kusasa ngoMgqibelo, phambi kokuba aye emsebenzini, uMama ucele abantwana ukuba baye kuthenga ijinja. "Akukho nto incedileyo," watsho, elungiselela ukuya emsebenzini. "Mhlawumbi ijinja iya kuwenza umsebenzi!"

Bakhawuleza bahamba abantwana. "Ujonge ntoni, Sello? wabuza uDimpho bakuba befike ngasendleleni enkulu ecaleni kweevenkile. Zange amphendule uSello. Amehlo akhe ayethe ntsho-o kwinto ethile eyayikufutshane. "Sello!" wambiza kwakhona uDimpho. "Bamba isandla sam. Kufuneka sinqumle indlela ngoku."

"Alikafiki ixesha!" watsho uSello. "Jonga phaya! Kufuneka sincede laa kati!" Uthe engekamnqandi uDimpho, wabe selemkile uSello.

Kwiplothi elithafa, amakhwenkwe amabini aphantse alingana noSello ngobudala ayentlonta ikati engwevu. Ayehleka. Ikati yona yayifuna ukubaleka.

Nangona wayeyinkwenkwana, uSello wayenelizwi elikhulu. "YEKANI LOO NTO NIYENZAYO!" wakhwaza. "Yekani loo kati!"

"Ewe, yiyekeni!" watsho uDimpho.

Amakhwenkwe aphakamisa iintloko. "Kutheni sifanele ukwenza njalo?" yatsho enye ijali, kodwa enye inkwenkwe yayikhulula ikati eyayisoyika. "Ukhathezwa yintoni wena, phofu? Yikati nje enyabileyo engenakhaya le! Yiza sihambe Jabs!"

Akuba efikile umama kaDimpho noSello ekhaya ngaloo mva kwemini, zange awakholelwe amehlo akhe. Abantwana bakhe babembambazela ikati efufufuku engwevu. Yona ikati yayisenza izandi ezalatha ukonwaba futhi izikhotha. UMama wabona ukuba bayiphe inyama eyayisele kwisidlo sabo.

"Kanti kwenzeka ntoni ngoku?" wabuza esabucaphuka. "Nisizisele ntoni eso silwanyana apha ekhaya? Yikhupheni phandle ngoku!"

"Kodwa Mama, iyana imvula phandle," watsho uSello. "UKitty uza kuba manzi! Nceda sivumele simgcine, nje ngobu busuku banamhlanje, andithi? UNGANCEDA TORHO?"

UMama wakroba phandle ngefesitile. Babenyanisile. Ngokuya ebesehla etekisini bekukho amafu angwevu esibhakabhakeni. Ngoku yayigalela imvula. "Kulungile," watsho equthe imilebe, "kodwa ngomso, iyahamba loo kati."

"Enkosi, Mama!" batsho bobabini abantwana.

"Hmmmph," watsho uMama. Wahlala phantsi, wakhulula izihlangu zakhe, wahlilikhla iinyawo zakhe. "Iphi ijinja enindithengele yona?" wabuza. "Eli lixesha lekomityi yam yokuqala yejinja!"

Abantwana bajongana bethe phuhlu amehlo amakhulu angqukuva. Babelibele ukuthenga ijinja! UMama waqumba kakhulu. Wahlala equmbe njalo ngobo busuku. Kwakuba kucokile ekhitshini, waya ngqo ebhedini yakhe.

Kusasa ngeCawa xa uDimpho noSello bevuka, bafumanisa ukuba wayengekho umama wabo kungekho nomkhondo wakhe. Bamangaliswa – kaloku wayengumntu ovuka kwangoko. Kanti nekati babengayiboni.

"Masijonge ukuba unjani na uMama," watsho uDimpho. Bavula umnyango wegumbi lakhe lokulala bengangxoli, bakroba phakathi. Ucinga ukuba babona ntoni? UMama wayengqengqe ebhedini, ebukeka ecubhukile. Ikati eyayizisonge ezinyaweni zakhe, yayisenza izandi ezibonisa ukonwaba futhi ingxola.

"Molweni," wabulisa uMama. "Indlela endilele kamnandi ngayo! Ekugqibeleni iinyawo zam bezifudumele!" Wajonga ikati. "Ndicinga ukuba sifanele ukukugcina!" wayixelela watsho. "Masithi nguJinja!" Ikati engwevu, efufufuku yankwinizela phezulu nangakumbi.



Bahleka abantwana, beqhweba izandla betakataka. USello wasuka wema. Wayefinge iintshiya. "Kodwa, kutheni sisithi nguJinja?" wabuza.

"Kaloku," watsho uMama, "beniye evenkileni niye kuthenga ijinja, kodwa endaweni yayo nibuye nale kati. Ifudumeze iinyawo zam ngendlela uDimpho ebethe ijinja iza kwenza ngayo, ngoko ke igama lakhe nguJinja!"

Bayithiya elo gama kanjalo.



Drive your
imagination

Build a story! Yakha ibali!



hawe.

ala
alifumene
u hlobo

ali

ligqityiwe.

What is the object
now? Why?
ebiku
kutheni?

61

Your hero is
afraid. Why?
Iqhawe lakho
liyoyika. Kutheni?

What does your
hero see?
Iqhawe lakho
libona ntoni?

21

Something
happens to
make your
hero feel brave.
What is it?

Ikhona into
eyenza iqhawe
lakho lizive
likhaliphile.
Yintoni?

What does your
hero hear?
Iqhawe lakho
liva ntoni?

What does your
hero remember?
Iqhawe lakho
likhumbula ntoni?

What has your
hero learned?
Lifunde ntoni
iqhawe lakho?

23

THE END
ISIPHELO

What happens next?
ntoni
?

10

What does
the hero do?
enza ntoni
iqhawe?

Real or pretend?
Ngowamanyani
okanye
ngowokuzicingela?

What does the
person look like?
Ukhangeleka
njani umntu?

9

Your hero sees someone
in the distance. Who is it?
Iqhawe lakho libona
umntu mgama. Ngubani?

What does your hero
do with the object?
Iqhawe lakho lenza
ntoni ngale nto?

8

How did it get there?
Ifike njani apho?

Think of an
unusual object.
Add it into the
story.

Cinga ngento
engaqhelekanga.
Yongeze ebalini.

Who does the object
belong to?
Yekabani le nto?

Now?
Ngoku?

ur
e?

3

Describe where
the story starts.
Chaza ukuba
ibali liqala phi.

Real or pretend?
Lelenyani okanye
lelokuzicingela?

How does the person
make your hero feel?
Lo mntu ulenza lizive
njani iqhawe lakho?

4

Start telling the story
like this: One day ...
Qalisa ukubalisa ibali
ngolu hlobo: Ngenye
imini ...

5

What happens
next?
Kwenzeka ntoni
elandelayo?

6

What can you smell?
Yintoni oyinukisayo?

What can you see?
Yintoni oyibonayo?



nalibali

Nal'ibali fun

Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali




1.

What a lot of fish!

- Can you guess how many complete fish there are in the picture alongside? (The answers at the bottom of the page will tell you how close your guess was!)
- Where do you think all of the fish are going? Why are they going there? Make up your own story about the fish! You could start it like this: "One day ..."

Azininzi ngako iintlanzi!

- Qashi qashi zingaphi iintlanzi ezipheleleyo kulo mfanekiso ongezantsi? (Iimpendulo ezishezantsi ephepheni ziya kukuxelela ukuba iqashiso lakho belikufuphi kangakanani!)
- Ucinga ukuba ziyaphi zonke iintlanzi? Kutheni zisiya apho? Yenza elakho ibali ngeentlanzi! Ungaliqala ngale ndlela: "Ngaminazana ithile ..."




2.

Can you find the names of these Nal'ibali characters in this wordsearch?

C	G	O	G	O	M	X	H	I	T
A	D	E	O	O	B	L	G	O	G
A	F	R	I	K	A	M	D	N	S
V	N	O	O	D	L	E	I	A	P
J	K	N	P	Q	I	R	N	S	R
O	T	B	E	L	L	A	T	U	I
S	W	M	Y	Z	A	C	L	E	Y
H	O	P	E	A	G	N	E	O	A

Ungawafumana amagama aba balinganiswa bakwaNal'ibali kule ndida yamagama ingezantsi?



3.

How well do you know the Nal'ibali characters?

- Who is the oldest character? _____
- Which character is not a person? _____
- Who does (b) belong to? _____
- Who is Neo's sister? _____
- Who is Dintle's brother? _____
- Who is in the same class at school as Neo? _____
- Who is younger: Josh or Hope? _____



Abalinganiswa bakaNal'ibali ubazi kakuhle kangakanani?

- Ngubani oyena mlinganiswa mdala? _____
- Ngowuphi umlinganiswa ongengomntu? _____
- Umlinganiswa ongu-(b) ngokabani? _____
- Ngubani udadeboNeo? _____
- Ngubani umntakwaboDintle? _____
- Ngubani osekisini enye noNeo esikolweni sakhe? _____
- Ngowuphi omncinane komnye: nguJosh okanye nguHope? _____



Iimpendulo: 1. 48, 3. (a) nguGogo (b) Noodle (c) ngokabani (d) nguMbali (e) nguAfrika (f) nguPriya (g) nguHope

Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us by calling our call centre on 02 11 80 40 80, or in any of these ways:

AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Nxibelelana nathi ngokufonela iziko lethu leminxeba ku-02 11 80 40 80, okanye ungasebenzisa nayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

www.nalibali.org

www.nalibali.mobi

[nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)



Produced for Nal'ibali by the Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Tiso Blackstar Education. Translation by Kholisa Podile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

Daily Dispatch

The Herald

Sunday Times

Sowetan
IN THE KNOW ON THE MOVE.



Drive your
imagination

